Le ncwadi ipapashwe yi Al Hidayah Centre, ayinayo imiqathango yokupapashwa kwayo esiyaziyo. (Muntakhab Ahadith incwadi yesihlanu malunga nokuhlonipha enye iMuslim).

Iprintwe eMzantsi Afrika

Ukuprintwa kokuqala, 2024

ISBN:
978-0-7961-7169-6 (Ebook)

KHUPHELA KWI EBOOK:
https://alhidayah.co.za/incwadi-malunga-nokuhlonipha-enye-imuslim/

*Ipapashwe yi:*
**Al Hidayah Centre,** Eastern Cape

18 Bonaventure Crescent
Salsoneville, Port Elizabeth
Telephone: 041 492 2773
Whatsapp: 041 492 2773 | https://wa.me/27414922773
Email: info@alhidayah.co.za
www.alhidayah.co.za

***“Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakubo khona'ukuze enze umyalezo ucace kubo. Ke kaloku u Allah Uvumela alahleke lowo Athande ukuba alahleke, Akhokele lowo Athande ukumkhokela. Yena nguSomandla, uSobulumko.”***
***(Quran 14:4)***

# Imbulambethe by 1

Iindumiso zonke zezika Allah, iNkosi yamahlabathi onke. Iinceba ezikhethekileyo kunye noxolo inga zingakulowo wathunyelwa njengenceba ehlabathini.

Ngelixesha abanye abantu beshiya ngasemva ilifa elizizinto ezibambekayo elithi lifunyanwe ziindla lifa lakhe, bona abaProfethi baka Allah bona ilifa abalishiyayo yalilulwazi lwenkolo. Kengoko iinfundimani (scholars) ze Islam ziziindla lifa zabaProfethi; zona zifumane ilifa lika Rasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam. Yena washiya ngasemva incwadi ka -Allah (Quran) kunye neSunnah Yona ithe yagcinwa ikhuselekile ngokuthi ingulowo nalowo ethe wayigqithisela omnye okubizwa ngokua yiHadith. ISunnah iquka zonke izinto ezathi zenziwa okanye zathethwa nguRasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam zathi zaqwalwaselwa kwaye zagcinwa khuselekileyo ngamaqabane akhe ahloniphekileyo (RadhiaAllahu Anhum). Ezinye zezo zinto zagcinwa ngexesha lakhe esaphila ezinye emva kokusweleka kwakhe. Ngokuye Ixesha lihamba iincwadi eziqulathe i-Ahadith zathi zapapashwa. Kwasetyenzwa nzima ukuqinisekisa ukuba kuqokelelwe, kufundisisiswe kuvavanywe zonke ezizinto zexabiso ezililifa lika Rasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam. Kungenxa yalo misebenzi inzima eyabangela ukuba namhlanje sibe sisenalo lucwengile olu lwazi lwenkolo. I-Ulama zeHadith emva kwexesha zaya zazenza amanqanaba khona ukuze kuzo balula xa ufuna ukwenza isalathiso.

Namhlanje zininzi iingqokelela ezibhaliweyo, kodwa uninzi lubhalwe ngesi Arabu, nto leyo efuna ukuba umntu ayacacisisise into eyithethayo. Alhamdulillah kwiminyaka embalwa egqithileyo ii-Ulama ezingaphumi kumazwe ama Arabu athi aqalisa ukuguqulela ezi Ahadith kwiilwimi ezahlukeneyo kwihlabathi liphela, khona ukuze Eli lifa lihlale lifumaneka.

Al-Muntakhab yenye yezo ncwadi egxininisa kakhulu kwezi khwalithi ziyi 6 ezazifumaneka ngamandla kumaqabane kaRasoolullah Sallallahu alaihi wa sallam. Kuyinto entle ukuba umntu ayifunde ekhayeni lakhe.Kuba iqulathe I Ahadith ezikhuthaza ukwenziwa kwemisebenzi emihle kwaye icacisa nangomvuzo owufumanayo Ngokwenza oko, enye incwadi ekukhuthazwa ukuba ifundwe yiRiyaadhus Saliheen ka Imaam Nawawi rahimahullah. Ngokwenza njalo uyakufumana ulwazi oluphangaleleyo lokuba ulwazi luxanduva onalo njenge Muslim, kwaye nokumkhuthaza ukuba azenze izinto

ngokwe Sunnah. Umntu kufuneka ayibulele imisebenzi enje kuquka nezo ziguqulelwe kwezinye iilwimi. Nasekubeni ikhangelela ilula xa sele igqityiwe ukuguqulwa kodwa kungumsebenzi onzima ofuna ukuba umise ingqondo xa uwenza. Oku akungomsenzi mncinane kuba kaloku lowo uguqulayo uye abe ngumhambisi womyalezo ka Nabi Muhammad Sallallahu alaihi wa sallam.

Kubalulekile ukuba sibulele i-Al Hidayah Centre neqela layo ngokuthi izame ukuguqula ezimfundiso zexabiso zenkolo ye Islam, khona ukuze zizokufikelela kwiintlanga ezahlukeneyo zase Mzantsi Afrika ezikunxanelweyo ukwazi ngenkolo ye Islam. Le nguqulelo siyathemba ukuba iyakuba luncedo apha ehlabathini kwaye iyakuhlala ingumthombo ompompozayo kwixa elizayo kwabo bathathe lo msebenzi mkhulu kangaka, wokugula amazwi woMprofethi wethu esimthandayo Sallallahu alaihi wa sallam.

Le nguqulelo nolupapasho ngaphandle kwamathandabuzo iyakuba yinzuzo enkulu kwabo bathetha ulwimi lwesixhosa. Inga u-Allah angabavuza bonke abo bathe benza oku kube yimpumelelo kwaye kube yinkuthazo nakwabanye abantu ehlabathini.

**Moulana Junaid Adam**

Ameer | Council of Ulama Eastern Cape, Port Elizabeth, Suid-Afrika

# Imbulambethe by 2

I Islam yafika eAfrika phambi kokuba ifike eMadinah.

Iqela lamaMuslim okuqala lathunyelwa e Abyssinia ngumProfethi uMuhammad sallallahu alayhi wasallam wathi makayocela igwiba lokhuselo kwikumkani enobulungisa yase Afrika. Leyo yinyani engangxengwanga yezembali.

Kwiinkulungwane eziliqela emva koko i-Islam yanwenwa ngokukhawuleza kwizwekazi lase Afrika, kwimilibo eyahlukeneyo emithathu: ngaseNtshona uyokufikelela eMantla eAfrika, ukusukela apho yehla yazo kufikelela eSahara kanti nokuhla uyokutsho kunxweme lwaseMpuma lweZwekazi kuyokuqhagamishela apho namhlanje kukho iMozambique.

Oko kunwenwa kwenzeka ngaxesha linye nokufika kuka Da Gama eCape of Good Hope, njalo yaba sisiqalo sokufika kobuKoloniyali base Yurophu.

Ngokufika kwabo kwanqumama ukunwenwa kwe Islam kwezinye iingingqi, ngenxa yezigalo namandla obuKoloniyali.

Kodwa nasekubeni kunjalo isigqibo sikaAllah asokuze sijikwe mntu okanye nto. Ngeendlela ezingalindelekanga u-Allah wenza ukufuduswa ngenkani kwamaMuslim ukusuka eMpuma Ekude yaba yindlela i-Islam efikelela ngayo kwiNcam yeAfrika. Kunye nesiqalo sayo kumthunzi we Ntaba Yetafile yase Kapa, Yakhula ngokukhawuleza okukhulu ekuthambekeni kwinkulungwane ye 18 nasekuqaleni kwenkulungwane ye 19 nto leyo yabangela inkxalabo kwiCawa nakwiNkampani.

Ngenxa yezizathu ezahlukeneyo okokuhluma kwamaMuslim kweza nemilo yangaphakathi. Elo themba likhulu lokuhluma lagutyungelwa lusukuzwano, njalo abe amandla okuya phambili. Endaweni yokuba amaMuslim abheke phambili, amaMishinari aseYurophu alenyusa izinga lawo kancinci ada azokufikelela eMazantsi eAfrika.

Ngoku ixesha lifikile lokuba sicholachola apho kwashiywa khona kuyiwe phambili. Siyathemba ukuba le ncwadi ineengqokelela ze Ahadith zika Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam iguqulelwe esixhoseni, iyakunika

inkxaso ekuvaleni isikhewu esivulekileyo ngenxa yamathuba esiphulukene nawo okuhambisa inkolo ye Islam, nokuvala ezo mbobo zikhokelele ekuphulukaneni kwalo mathuba.

Inga u-Allah angawomkela lo msebenzi kwaye awusikelele.

**Mufti M Taha Karaan** *rahimahullah*

Prinsipaal | Dār al-ʿUlūm al-ʿArabiyyah al-Islāmiyyah, Strand, Suid-Afrika

# Imbulambethe by 3

Iindumiso zonke zezi ka-Allah kwaye iinceba neentsikelelo zika Allah mazibe kumProfethi wethu esimthandayo uNabi sallallahu alaihi wa sallam

Kwicala le Jamiatul Ulama (KwaZulu Natal), kuli wonga elikhulu nochulumanco ukuba ndikwazi ukwenza la mabala engwe malunga nokupapashwa kwee Ahadith eziyi 112 malunga nokulunga komthandazo kwiihadith zikaNabi sallallahu alaihi wa sallam eziqulathwe kwincwadi ebizwa ngokuba yiMuntakhab Ahadith ngolwimi lwesiXhosa.

Inene kukho imfuneko emandla yokuba kubekho iincwadi ezithembakeleyo zolwimi lwesiXhosa kuquka nezinye iilwimi zase Afrika, ingakumbi kuMzantsi Afrika onencubeko ezahlukeneyo.

Inga u-Allah angawomkela lo msebenzi mhle kumguquli, uMoulana Muhsin Mbotoli kunye nompapashi, uMoulana Muhammad Badsha ne Al Hidayah Centre in Port Elizabeth, South Africa.

Kulu chulumanco olugqithisileyo nanga kumbi kuba zombini ezi Ulama Zihloniphekileyo ziyi mveliso ephuma kwiziko le mfundo ephakamileyo yethu iMadrasa Taleemuddeen in KwaZulu Natal, South Africa.

Inga le ncwadi isikekekileyo ingangu nobangela wokuba le nkolo yethu intle ingayo kufikelela kwiimbombo zone zabo bathetha ulwimi lwesiXhosa.

Inga u-Allah angayenza le ncwadi ibe ngumthombo weentsikelelo kunye nokuba isenze sisondele nangakumbi kuNabi sallallahu alaihi wa sallam, Aameen.

**Moulana Ahmed E Mahomedy**

Ameer | Jamiatul Ulama KZN, Durban, South Africa

# Uphawula komGuquli

Kananjalo aSizanga Sithumele Mprofethi, Singamthumeli ngolwimi lwabantu bakubo, khona'ukuze enze umyalezo ucace Kubo.

Kule vesi ingentla siyabona Indlela u-Allah Ta'ala afuna ngayo ukuba wonke umntu abe sendleleni ethe tye, ukuqinisekisa ukuba wonke umntu uyacaciselwa ngolwimi lwakhe ngokucacileyo. Nam ngenceba ka Allah nangenxaso ye Al Hidayah Centre ingakumbi iNkokheli yayo uMoulana Muhammad Badsha osoloko ebila esoma ukuqinisekisa ukuba ngalo lonke ixesha yonke into esiyifunayo siyayifumana khona ukuze abo bafuna ukufunda nge Islam ngolwimi lwesiXhosa bayakwazi ukufumana ulwazi ngolwimi lwesixhosa. Kaloku thina bathetha ulwimi lwesiXhosa abanye abantu ukuzokuthi ga ngoku basenenkolelo yokuba inkolo ye Islam yinkolo yezinye iintlanga hayi thina bantu bathetha isixhosa, ngale migudu yokuba siguqulele esixhoseni iimfundiso nolwazi malunga ne Islam sizama ukubonisa ukuba ababantu bangene kwinkolo ye Islam bangene kuyo ngenxa yophando abalenzileyo nge Islam, hayi ngokumfanyekiswa. Ndiyathemba ukuba le nguqulelo yezi Ahadith eziyi 80 malunga nokuhlonipha enye iMuslim (Ikraam Muslim) iyakuba luncedo kwabo bafuna ukwazi ukubaluleka kokuhlonipha enye iMuslim ukuqinisekisa ukuba bafumana ulwazi lokubaluleka kokuhlonipha enye iMuslim kwi Ahadith nqo.

Inga u-Allah angayenza le mizamo yethu yokuguqulela esiXhoseni ezi Ahadith Shareef zibe zinga kukukhanya kweli hlabathi nakwi xa elizayo kuthi nakubo bonke abo bathe bancedisa ukuba kube yimpumelelo ukwenza oku. Aameen

**Moulana Muhsin Mbotoli**

Lecturer in Hadith | Dawah Department, Al Hidayah Centre, Port Elizabeth, South Africa

# Ukuhlonipha iMuslim

1. **U-A'isha** radhiallahu anha uchaza uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wasiyalela ukuba abantu sibanike izihlalo ngokwamanqanaba abo." *(Muqadama Saheeh Muslim)*

2. **U-Abdullah Ibni Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoollah Sallallahu Alayhi Wasallam wajonga kwiKa'ba wathi, "Laa ilaaha illallah, iyamangalisa indlela osulungeke ngayo, liyamangalisa indlela elimnandi ngayo ivumba lakho kwaye kuyamangalisa ukuhlonipheka kwakho! Kodwa ukuhlonipheka kwekholwa kungaphezulu kunawe. Inene, u-Allah ukwenze wahlonipheka; njengokuba enze ubutyebi, igazi kunye nesidima seMuslim senziwe sahlonipheka: u-Allah wenze akwavumeleka ukumcingela ukuba wenze ubugwenxa (enye iMuslim)." *(Tabarani, Majma-uz-Zawaid)*

3. **U-Jabir Ibn Abdullah** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "AmaMuslim angamahlwempu ayakungena eParadesi kuqala ngesithuba esingange minyaka engamashumi amane ngaphambili kunabo bazizityebi." *(Tirmidhi)*

4. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Amahlwempu ayakungena eParadesi ngesiqingatha semini ngaphambi kwabo bazizityebi. Esi siqingatha semini siyakulingana neminyaka engamakhulu ngokwalapha emhlabeni." *(Tirmidhi)*

5. **U-Abdullah Ibn Amr** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Ngethuba eniyakuba niqokelelana ngemini yovuko, kuyakukhutshwa isaziso: Aphi na amahlwempu kunye nabo bangathathi ntweni bale Ummah?" Ekubeni beve eso saziso, bayakuphakama. Kuyakuthiwa kubo, "Zeziphi izenzo enizenzileyo?" Bayakuphendula bathi, "Hini na

Nkosi yethu! Wena Usivavanyile kwaye sakunyamezela konke oko ngomonde, kanti abanye bona Uye Wabanika ubutyebi nokulawula kwabanye abantu.” U-Allah Uyakuthi, “Inene nithetha inyani.” U-Rasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Lo mahlwempu ayakungeniswa eParadesi kuqala kubo bonke abantu. Kuyakusheka abo bazizityebi nabo balawulayo bejongene nophicotho olunzima.” *(Ibn Hibban)*

6. **U-Abdullah Ibn Amr** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Niyabazi kusini na abo bayakuba ngobokuqala ukungena eParadesi kwindalo ka-Allah?” AmaSahaba aphendula athi, “U-Allah noMthunywa waKhe bazi ngcono.” Yena wathi, “Obokuqala ukungeniswa eParadesi, kwindalo ka-Allah iyakuba ngalo mahlwempu athi afudukela (eMadina esuka eMakkah phambi kokuba iMakkah ibe phantsi kolawulo lwama Muslim). Ngabo bakhusela imida kwaye ngamaxesha obunzima banika ukhuseleko kwabanye abantu. Xa omnye wabo esweleka, iimfuno zakhe zihlala esifubeni sakhe zingazaliselikiwe, u-Allah uyakuthi kwezo Ngelosi Athande (ukubiza zona), “Iyani kubo nibabulise nithi Salaam.” Iingelosi ziyakuthi, “Hini na Nkosi yethu! Thina singabahlali basemazulwini kwaye siyindalo yaKho engcono, nasekubeni kunjalo Usiyalela ukuba sibabulise ngokuthi Salaam?” U-Allah Uzakuthi, “Abo zezozicaka zaM ezindikhonzileyo kwaye abafaki mahlulelane naM. Ngenxa yabo imida ibikhuselwe, ngamaxesha obunzima bebebekwa phambili kwaye ukhuseleko beluqinisekisiwe ngabo. Xa besweleka, iimfuno zabo zihlala esifubeni zingaphunyezwanga. Kengoko iingelosi zizakuza kubo ziphuma kwiminyango eyahlukeneyo yaseParadesi, zisithi, “Uxolo malube kuni ngenxa yomonde wenu; Inene nifumene isiphelo senqanaba eliphezulu.” *(Ibn Hibban)*

7. **U-Abdullah Ibn Amr Ibn Al-Aas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi,

"Ngemini yovuko, abanye abalandeli bam bazakuba nokukhanya okufana nelanga." Sabuza, "Hini na Rasoolullah! Izakuba ngobani abo?" Waphendula wathi, "Izakuba ngabo bafuduki bangamahlwempu ababesithi ngexesha lobunzima, ukhuseleko lwaluqinisekiswa ngabo; xa omnye wabo esweleka iimfuno zakhe zihlala esifubeni sakhe; bazakudityaniswa bonke besuka kwiindawo ezahlukeneyo ehlabathini." *(Musnad Ahmad)*

8. **U-Abu Saeed** radhiallahu anhu uchaza ukuba, ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, "Hini na Allah! Ndinike ubom njengehlwempu nokuba ndibengumntu othobekileyo; Ndenze ndisweleke njengehlwempu nokuba ndibe ngumntu othobekileyo; kwaye Undenze ndivuke nabo bangamahlwempu nabathobekileyo." *(Mustadrak Hakim)*

9. **U- Saeed Ibn Saeed** rahimahullah uthi, U-Abu Saeed Al-Khudri radhiallahu anhu wakhalaza kuRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam malunga neemfuno zakhe, uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Ba nomonde Abu Saeed, kuba kuni abo bandithandayo ubuhlwempu bugxalathelana kubo, njengokuba amanzi esikhukula ebaleka kakhulu xa esuka endaweni ephakamileyo okanye entabeni ukuya ezantsi." *(Musnad Ahmad, Majma-uz-Zawaaid)*

10. **U-Rafi Ibn Khadij** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Xa u-Allah Azza Wajall esithanda isicaka saKhe, Uyasikhusela kwimigibe yeli hlabathi njengokuba nibakhusela emanzini abo bagulayo." *(Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

**Wathandeni amahlwempu kwaye nihlale phakathi kwawo. Thandani ama-Arab ezintliziyweni zenu**

11. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Wathandeni amahlwempu

kwaye nihlale nawo. Wathandeni ama-Arabu ngentliziyo yenu yonke. Izipheme zakho zifanele ukunqanda ekubeni ugxeke abanye abantu.” *(Mustarak Hakim)*

12. **U-Anas** radhiallahu anhu uthi; Ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, “Baninzi abantu abanenwele ezidlakadlaka abanempahla edlakadlaka abathi bagxothwe eminyangweni yabantu, (kodwa unxulumano abanalo no-Allah likhulu kangangokuba) ukuba lo mntu unokuthi afunge ngo-Allah, inene u-Allah angasizalisekisa eso sifungo sakhe.” *(Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

13. **U-Sahl Ibn Sa’ad As-Saidi** radhiallahu anhu uchaza ukuba ngenye imini kwagqitha kuRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam indoda ethile, wathi kwindoda eyayihleli naye, “Zithini iingcinga zakho malunga (nalo mntu)?” Lo ndoda yaphendula, “Ndiyafunga ngo-Allah inene ingumntu ohloniphekileyo eluntwini!” (Kangangokuba) ukuba inokucela ukutshala nenenekazi, inene inokutshatiswa nelo nenekazi; ukuba inokucebisa nto, ingcebiso yakhe ibizakomkelwa. U-Rasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi cwaka. Ngeli ngeni kwagqitha enye indoda kuRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam waphinda wabuza (kulo ndoda yayihleli naye), “Zithini na iingcinga zakho malunga nale ndoda?” Yaphendula yathi, “Hini na Rasoolullah! Lo ngomnye wama Muslim angamahlwempu; ukuba inokucela umtshato kwinenenekazi asokuze livume ukomkela ukutshata naye, ukuba inokucebisa nto icebiso lakhe liyakukhatywa kwaye nokuba inokuthetha akukho mntu unokumthathela ngqalelo.” URasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Le Muslim (ilihlwempu) ingcono kunamadoda agcwalise ihlabathi liphela afana nala ndoda yokuqala.” *(Bukhari)*

14. **U-Mus’ab Ibn Sa’d** radhiallahu anhu uchaza ukuba utata wakhe (Sa’d radhiallahu anhu) wayezicingela ukuba yena nguye

ogqwesileyo kwabo babengezantsi kunaye (ngobugorha nobutyebi). URasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, “Inene niyancediswa kwaye nifumana isibonelelo kuphela ngenxa yabo banganeno kunani.” *(Bukhari)*

15. **U-Abu Darda** radhiallahu anhu uchaza uthi, ndeva uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam esithi, “Ndikhangeleni phakathi kwabo babuthathaka; kuba nifumana isibonelelo kunye noncedo ngenxa yabo babuthathaka phakathi kwenu.” *(Abu Dawood)*

16. **U-Harithah Ibn Wahab** radhiallahu anhu uchaza ukuba weva uNabi Sallallahu Alayhi Wasallam esithhi, “Ndinganixelela na ngabantu baseParadesi? Nguye nawuphi na umntu obuthathaka othambile kwaye abantu abamthabathi njengomntu obalulekileyo, (kodwa indlela asondele ngayo ku-Allah) ukuba unokuthi afunge ngo-Allah, u-Allah uyakusizalisekisa eso sifungo sakhe. Bona abo bazakuya esiHogweni ngabo bavimbayo, bakrwada kwaye beziphakamisile.” *(Bukhari)*

17. **U-Abdullah Ibn Amr Ibn Al-Aas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam ngethuba wayechaza abo bazakuya esiHogweni, wathi, “Abantu basesiHogweni ngabo bantu bangqwabalala, bazithabatha ngokuba babalulekile, baziphakamisayo barhwaphiliza konke. Kanti bona abo bazakuya eParadesi ngabo babuthathaka kwaye becinezelwe.” *(Musnad Ahmad, Majma-uz-Zawaaid)*

18. **U-Jabir** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah wathi, “Nawuphi na lowo wenza ezizinto zilandelayo uyakuba phantsi komthunzi wenceba ka-Allah (ngemini yovuko) kwaye uyakungeniswa eParadesi: 1) Uhlonipha abo babuthathaka, 2) Ukuba novelwano kubazali, 3. Ukuba nemfesane kumakhoboka (abo baphantsi kolawulo lwakho).” *(Tirmidhi)*

19. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, "Iqhawe (shaheed - lowo usweleke ekhusela i-Islam) uzakuziswa ngaphambili ngemini yovuko amiswe khona ukuze agwetywe. Emva koko lowo ebenikela ngomnikelo uzakuziswa ngaphambili khona ukuze agwetywe. Emva koko lowo uthe watsala nzima ziimbandezelo zeli hlabathi; kubo akukho sikali sokuveyisha (izenzo zabo) nakuphenduliswa. Bazakuvuzwa kakhulu ngu-Allah kangangokuba abo bebephila ntofontofo bonwabile, bazakunqwenela ukuba ngaske ibe imizimba yabo ibisikwe ngesikere khona ukuze nabo bazokufumana lo mvuzo." *(Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

20. **U-Mahmood Ibn Labeed** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam wathi, "Xa u-Allah eluthanda uhlanga okanye abantu abathile, uyabavavanya. Lowo unyamezelayo ngomonde lowo uyakufumana umvuzo, kanti lowo unganyamezeliyo uyakufumana iziqhamo zokunganyamezeli." *(Musnad Ahmad, Majma-uz-Zawaaid)*

21. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi wathi uRasoolullah Sallallahu Alayhi Wasallam, "Xa u-Allah enikezela ngesikhundla esiphezulu emntwini, kodwa zona izenzo zakhe zingakwazi ukumfikelelisa kweso sikhundla, u-Allah uyamvavanya ngezinto angazithandiyo khona ukuze azokufikelela kweso sikhundla siphezulu." *(Abu Ya'la, Majma-uz-Zawaaid)*

22. **U-Abu Saeed Al–Khudri kunye no-Abu Hurairah** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uNabi sallallahu alaihi wasallam wathi, "Ngalo lonke ixesha iMuslim iziva idiniwe, igula, ikhathazekile, ilusizi, isiva buhlungu okanye inoxinezelelo nokuba kukuhlatywa limeva, u-Allah endaweni yako konke okokubandezeleka uyazisusa izono zayo." *(Bukhari)*

23. **U-A'isha** radhiallahu anha uchaza ukuba, ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Akukho nanye iMuslim ethi

ihlatywe limeva okanye ihlelwe sisehlo esinganeno kunoko ngaphandle kokuba eparadesi inqanaba lezinga layo liyonyuswa kwaye isono siyacinywa (egameni lakhe).” *(Muslim)*

24. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Ikholwa eliyindoda okanye elingumfazi liyakuthi gqolo liphantsi kovavanyo nezehlo esiqwini salo, ebantwaneni balo kunye nasebutyebini balo lide libe lidibana no-Allah likwi meko apho kungekho nasinye isono egameni laso.” *(Tirmidhi)*

25. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam wathi, “Xa u-Allah evumela ukuba izicaka zakhe ezingama Muslim zifumane isehlo ngokwase mzimbeni u-Allah uyalela ingelosi: Bhala phantsi zonke izenzo ezihle ebekade ezenza (ngethuba besinempilo entle). Ukuba siphinde safumana impilo entle, u-Allah uyakusicoca asihlambulule (esonweni). Kanti ukuba uyawuthabatha umphefumlo wakhe. Uyamxolela (izono) kwaye uyamsikelela.” *(Abu Ya’la, Musnad Ibn Hambal, Majma-uz-Zawaaid)*

26. **U-Shaddad Ibn Aus** radhiallahu anhu kwihadith Qudsi uchaza ukuba, ndeva uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam esithi, “U-Allah uthi, ‘Xa esinye sezicaka zam ezikholwayo ndizivavanya (ngezinto ezibuhlungu), sona sithi sindidumise, nasekubeni simelene nezehlo, Mna ndiye ndiyalele (iingelosi) ukuba kubhalwe egameni lakhe njengokuba bekubhalwa ngethuba ebene mpilo entle.” *(Musnad Ahmad, Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

27. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, “Ifiva ethe gqolo okanye intloko ebuhlungu ezithi zifunyanwe sisicaka esiyi Muslim, siyindoda okanye umfazi (zenza eso sicaka okanye sicakakazi) zenza kungasheki nesinye isono, nokuba sisono esingango khozo

lwemostart nasekubeni emagxeni wazo izono zingange ntaba ye-Uhud.” *(Abu Ya’la, Majma-uz-Zawaaid)*

28. **U-Abu Saeed Al-Khudri** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Intloko ebuhlungu yeMuslim okanye ukuhlatywa limeva okanye naluphi na uxinezelelo, u-Allah uyakuluphakamisa inqanaba lakhe kwaye azosule zonke izono zakhe ngemini yovuko.” *(Ibni Abi Dunya, Targheeb)*

29. **U-Abu Umamah Al-Bahili** radhiallahu anhu uthi uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Nasiphi na isicaka esithi sicele ku-Allah ngokuzithoba ngexesha lokugula, u-Allah uyamphilisa kweso sigulo kwaye amhlambulule kuzo zonke izono.” *(Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

30. **U-Hasan** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam wathi, “U-Allah uyazixolela zonke izono zekholwa nqu nangomkhuhlane esiwufumana ebusuku.” *(Ibni Abi Dunya, Ithaf)*

31. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu wathi uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam kwihadith Qudsi, U-Allah uthi, “Xa ndisenza sigule isicaka sam esilikholwa kwaye singakhalazi ngam kwabo bamtyelelayo. Ndiyamkhulula (ezonweni zakhe). Isikhumba sakhe ndiyasitshintsha ibe sisikhumba esingcono kuneso sakhe (ebenaso ngaphambili) kwaye negazi ndilenze libengcono kune gazi lakhe kwaye izenzo zakhe ziqala ekuqaleni (kuba kaloku zonke izono zakhe ziyakube zihlanjululwe).” *(Mustadrak Hakim)*

32. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo uthi afumane umkhuhlane nokuba lusuku olunye kodwa anyamezele ngomonde kwaye ahlale evuya ku-Allah Azza wajalla, uyahlanjululwa ezonweni zakhe njengokuba wayehlanjululwe

ngethuba wayezalwa ngumama wakhe." *(Ibni Abi Dunya, Targhib)*

33. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam wathi kwiHadith Qudsi u-Allah Ta'ala uthi, "Xa ndithe ndathabatha izinto ezimbini ezithandekayo kwimuslim, lona lihlale linomonde, linethemba lokuvuzwa, akukho mvuzo endithanda ukuba siwufumane ngaphandle kweParadesi." *(Tirmidhi)*

34. **U-Abu Musa** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam wathi, "Xa isicaka sithe sagula, okanye siye sathabatha uhambo, (egameni laso kubhalwa) eza zenzo zinye ebeqhele ukuzenza xa ebesekhayeni okanye esempilweni." *(Bukhari)*

35. **U-Abu Saeed** radhiallahu anhu uthi uNabi sallallahu alaihi wasallam wathi, "Usomashishini onyanisekileyo uyakuba (Siddiqin) nabo balandeli banyanisekileyo kunye neeShuhadaa (amagorha aswelekele emfazweni)." *(Tirmidhi)*

36. **U-Rifa'ah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, "Osomashishini bayakuvuka ngemini yomgwebo benezono, ngaphandle kwalowo umoyikayo u-Allah, ebelungile kwaye ebenyanisekile." *(Tirmidhi)*

37. **Ummi Ammarah Ansaariah** radhiallahu anha intombi ka-Ka'b radhiallahu anhu uthi ngenye imini uNabi sallallahu alaihi wasallam wabatyelela, yena (u-Ummi Ammarah radhiallahu anha) wanikezela ukutya kuye. Wathi (UNabi sallallahu alaihi wasallam), "Nawe itya." Waphendula (u-Ummi Ammarah) wathi ndizile ukutya (fasting). (Wakuva oko) uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Inene lowo uzile ukutya iingelosi zicelela ukuba asikelelwe xa kutyiwa ngabanye abantu ngaphandle kwakhe bade bagqibe ukutya okanye bade babe bahluthi." *(Tirmidhi)*

38. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam wathi, "Kukho umthi owawusokolisa kuma Muslim. Indoda ethile yafika yawugawula lo mthi ngenxa yoko (lo ndoda) yangeniswa eParadesi." *(Muslim)*

39. **U-Abu Dhar** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alaihi wasallam wathi kuye, "Jonga! Akukho ngcono kuna lomntu unesikhumba esikhanyayo okanye kulowo unesikhumba esimnyama, ngaphandle kokuba uyamogqitha ngeTaqwa." *(Musnad Ibni Ahmad)*

40. **U-Thouban** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam wathi, "Kubalandeli bam kukho abanye abantu abanokuthi ukuba omnye wabo unokuza kuni acele idinaar, asokuze ayinikwe; ukuba unokucela idirham, nayo asokuze ayinikwe nokuba unokucela ipeni asokuze ayinikwe. Kodwa xa enokucela ku-Allah iParadesi. U-Allah angamnika. Unxibe amalaphu amabini nawo akawugqumi ngokupheleleyo umzimba, kodwa ukuba unokufunga ngo-Allah; u-Allah angasizalisekisa isifungo sakhe." *(Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

41. **U-A'isha** radhiallahu anha uthi ndeva uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam esithi, "Inene ikholwa ngenxa yesimilo salo esihle lifumana inqanaba lo mntu ozilayo kwaye ame ebusuku ethandaza." *(Abu Dawud)*

42. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam wathi, "Elona kholwa lunokholo olugqibeleleyo ngabo banesimilo esihle; kwaye abona bangcono kuni ngabo bangcono kumakhosikazi wabo." *(Musnad Ahmad)*

43. **U-A'isha** radhiallahu anha uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam wathi, "Inene elona kholwa lunokholo

olugqibeleleyo ngulowo unesimilo esihle kwaye ungoyena onobubele kwizizalwana zakhe.” *(Tirmidhi)*

44. **U-Abdullah Ibn Umar** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam wathi, “Kuyandimangalisa ukuba umntu athenge amakhoboka ngobutyebi bakhe khona ukuze azokuwakhulula ebukhobokeni, kutheni angasuke athenge abantu abangangomakhoboka ngesimilo esihle, kuba ukwenza oko (ukuphatha abantu ngesimilo esihle) kunomvuzo omkhulu (kunokuthenga ikhoboka wokugqiba ulikhulule).” *(Qada-ul-Hawaaij, Jamius Sagheer)*

45. **U-Abu Umamah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Ndinika isiqinisekiso sendawo emideni yaseParadesi kulowo uyeka ukuxambulisana nasekubeni kulungile oko akumeleyo, kanti isiqinisekiso sendawo embindini wase Paradesi kulowo uyeka uxoka nokuba kukuqhula nje: kanti indawo ekwinqanaba eliphezulu eParadesi kulowo ugqwesileyo ngendlela aziphatha ngayo.” *(Abu Dawood)*

46. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo uthi adibane nomzalwane wakhe oli Muslim ngendlela ethandwayo ngu-Allah khona ukuze naye azokuvuya, u-Allah uyakumenza avuye ngemini yovuko.” *(Tabarani, Majma-uz-Zawaaid)*

47. **U-Abdullah Ibn Amr** radhiallahu anhuma uchaza ukuba ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Inene lo muslim izibophelelayo kwiSharia ngokuthi iziphathe ngendlela entle nechubekileyo, ifumana inqanaba lomntu ozila ukutya rhoqo kunye nokuma ixesha elide emthandazweni ebusuku ecengceleza iQuran.” *(Musnad Ahmad)*

48. **U-Abu Darda** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alaihi wasallam wathi, “Akukho nto iyakuba nzima esikalini ukogqitha indlela entle yokuziphatha.” *(Abu Dawood)*

49. **U-Muaadh Ibn Jabal** radhiallahu anhu uchaza ukuba amazwi okugqibela eengcebiso zikaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi kum ngethuba ndikhwela ehashini, “Yihombise indlela yakho yokuziphatha ebantwini, Hini na Muaadh Ibn Jabal.” *(Muwatta Imaam Malik)*

50. **U-Malik** rahimahullah uthi le yintetho kaRasoolullah sallallahu alaihi wasallam ethe yagqithiselwa kum, “Ndithunyelwe ukuba ndenze indlela yokuziphatha igqibelele.” *(Muwatta Imaam Malik)*

51. **U-Jabir** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alaihi wasallam wathi, “Inene, kuni oyena mntu uthandekayo kum kwaye nokuba ngoyena uzakuba kufutshane kum ngemini yovuko ngabo banesimilo esihle.” *(Tirmidhi)*

52. **U-Nawwaas Ibn Samaan Al-Ansari** radhiallahu anhu Ndabuza uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam malunga nezinto ezilungileyo kunye nezo zisisono. Waphendula, “Into elungileyo sisimilo esihle, kanti isono sona yilonto ikuxhalabisayo ongafuniyo ukuba yaziwe ngabantu.” *(Muslim)*

53. **U-Makhool** rahimahullah uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Amakholwa athambile ayafikeleleka lula, njenge nkamela ethobelayo, yona ithi xa ikhokelwa ilandele, xa ihlaliswa elityeni iyahlala, ikwenza konke oko ngokuthobekileyo.” *(Tirmidhi, Mishkat-ul-Masaabih)*

54. **U-Abdullah Ibn Masood** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Ingaba ndinganixeleli na ngalo mntu ungazokuvumeleka esihogweni

kwanalowo isihogo singavumelekanga kuye? Lo mntu usondeleyo ebantwini kwaye uyafikeleleka.” *(Tirmidhi)*

55. **U-Iyaad Ibn Himaar** radhiallahu anhu wohlanga lwama Mujashi uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam kwiHadith Qudsi wathi, “Inene u-Allah uye wandityhilela ukuba kufuneka nizithobe kangangokuba akuzithabathi ngcono kunabanye abantu kwanokuba akubacinezeli abanye abantu.” *(Muslim)*

56. **U-Umar** radhiallahu anhu uchaza ukuba, ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Nawuphi na lowo uzithobayo ngenxa ka-Allah, u-Allah uzakumphakamisa, yena buqu uzithabatha njengomntu omncinane, kodwa emehlweni abantu mkhulu. Kanti lowo uzigwagwisayo, u-Allah uyamthoba; emehlweni abantu athatyathwe njengomntu ongeyonto, nasekubeni yena ezicingela ukuba mkhulu kangangokuba abantu bamthabatha ngokuba ungezantsi nakwi nja okanye ihagu.” *(Baihaqi)*

57. **U-Abdullah Ibn Masood** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Akasayi kulingena izulu lowo entliziyweni yakhe kukho nelona suntswana lincinane lokuziphakamisa.” *(Muslim)*

58. **U-Muaawiyah** radhiallahu anhu uchaza ukuba, ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, “Lowo uthanda ukuba abantu bamhloniphe ngokuthi bame ngeenyawo, kufuneka azilungiselele indawo esihogweni.” *(Tirmidhi)*

59. **U-Anas** radhiallahu anhu uchaza ukuba akukho namnye owayethandwa ngamasahaba ukogqitha uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, kodwa xa babembona, babengami ngeenyawo, ngenxa yokuba ayeyazi ukuba akathandi ukuba kwenziwe njalo.” *(Tirmidhi)*

60. **U-Abu Darda** radhiallahu anhu uchaza ukuba, ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Akukho namnye othi afumane ukwenzakala ngokwasemzimbeni, kodwa ayixolele lo meko (ngokuthi ayomkele), ngaphandle kokuba u-Allah aliphakamise inqanaba lakhe, amhlambulule esonweni." *(Tirmidhi)*

61. **U-Jawdan** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Ukuba umntakwe welinye iMuslim ucela uxolelwa, kodwa umntakwe angamxoleli, yena uyakufumana isono ngokufanayo nalowo uqokelela irhafu ngokungekho mthethweni efumana isono." *(Ibn Majah)*

62. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uthi wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, "UMoosa Ibn Imran alaihis salaam wathi, Hini na Nkosi yam! Sesiphi esona sicaka sihloniphekileyo kuwe?" U-Allah uSomandla waphendula wathi, "Ngulowo uxolelayo nasekubeni enawo amandla okuziphindezela." *(Baihaqi)*

63. **U-Abdullah Ibn Umar** radhiallahu anhuma ukuba umntu weza kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wabuza, "Hini na Rasoolullah! Ndisixolele kangaphi na isicaka sam?" UNabi sallallahu alayhi wasallam wathi cwaka. Lo ndoda yabuza kwakhona, "Hini na Rasoolullah! Ndisixolele kangaphi na isicaka sam? Waphendula wathi amatyeli angamashumi asixhenxe ngemini." *(Tirmidhi)*

64. **U-Hudhaifah** radhiallahu anhu ukuba, ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Mandulo kwakukho indoda ekwafika kuyo ingelosi izokuthabatha ubomi bayo." Kwathiwa kuyo, "Ingaba ikhona na into elungileyo owayenzayo?" Yaphendula yathi, "Akukho nto (elungileyo) endiyaziyo." Kwathiwa kuyo, "Zama (ukuzikhumbuza) ndandisenza urhwebo

nabanye abantu, ndandinika izityebi ithuba eloneleyo lokuba babhatale kanti wona amahlwempu ndandiwacima amatyala awo. Ngenxa yoko u-Allah wamngenisa eParadesi." *(Bukhari)*

65. **U-Abu Qatadah** radhiallahu anhu uchaza ukuba, ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi, "Ukuba umntu uthanda ukuba u-Allah amkhusele kwixhala le mini yovuko, kufuneka anike ithuba eloneleyo lowo unzinyelwayo kukubhatala ityala okanye alicime ityala lakhe." *(Muslim)*

66. **U-Anas** radhiallahu anhu uchaza ukuba, ndasebenzela uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam iminyaka elishumi eMadina. Ndandingumfana ofikisayo. Ngenxa yoko (yokuba ndisafikisa) hayi yonke imisebenzi yam yayihamba ngokwentando yenkosi yam (uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam) (kuba ndandise mncinci) zininzi iimpazamo endazenzayo kulo minyaka ilishumi. Kodwa, azange athethe nalinye igama elibonisa ukungoneliseki kum, kwaye azange abuze nokuba kutheni wenze oku? Kwaye engazange abuze nokuba kutheni ungakwenzanga oku?" *(Abu Dawood)*

67. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba umntu othile wacela uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam ukuba amcebise. Yena wathi, "Musa ukuba nomsindo. Lo ndoda yaphindaphinda amatyeli amaninzi (icela ikucetyiswa) kanti naye wayephendula: Musa ukuba nomsindo." *(Bukhari)*

68. **U-Abu Hurairah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Umntu onamandla asinguye lowo uwisa abanye abantu phantsi; inene umntu onamandla ngulowo uthi xa enomsindo awulawule." *(Bukhari)*

69. **U-Abu Dhar** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi kuthi, "Ukuba omnye wenu uthe

wanomsindo eme ngeenyawo, kufuneka ahlale phantsi. Ukuba umsindo uyathomalala kuyakuba kuhle oko; ukuba akunjalo kufuneka angqengqe phantsi." *(Abu Dawood)*

70. **U-Ibn Abbas** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Fundisani abantu inkolo, banikeni iindaba ezimnandi, musani ukubenzela izinto nzima, kanti ukuba omnye wenu uthe wanomsindo, kufuneka athi cwaka." *(Musnad Ahmad)*

71. **U-Atiya** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Inene umsindo uvela kuSathana. Inene uSathana udalwe ngomlilo, kanti umlilo ucinywa ngamanzi. Kengoko ukuba omnye wenu uthe wanomsindo, kufuneka enze iwudhu." *(Abu Dawood)*

72. **U-Ibn Umar** radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Akukho sicaka sithi sisele nto ingcono ku-Allah uSomandla uSobungangamsha kunokuba sisele umsindo, (sikwenza oko kuphela kuba) sifuna intando ka-Allah." *(Musnad Ahmad)*

73. **U-Muaadh** radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Lowo uthi awulawule umsindo wakhe nasekubeni enawo amandla okuba angenza ngokwemfuno yomsindo wakhe, u-Allah uyakumbiza ngemini yovuko phambi kwayo yonke indalo, amvumele ukuba akhethe naliphi na igqiyazana elihle elinamehlo amakhulu ase Paradesi alithandayo." *(Abu Dawood)*

74. **U-Anas Ibn Malik** radhiallahu anhu uthi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, "Lowo uthi aligade ulwimi lwakhe, u-Allah uyazifihla iimpazamo zakhe. Lowo uwulawulayo umsindo wakhe, u-Allah uzakusibamba isohlwayo sakhe ngemini yovuko.

Kanti lowo ucela uxolelwa ku-Allah uSomandla uSobungangamsha, uyakumxolela.” *(Baihaqi)*

75. **U-Muaadh** radhiallahu anhu uchaza ukuba u Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam ku-Ashajj inkosi yohlanga luka Abdi Qais, “Wena uneekhwalithi ezimbini u-Allah azithandayo: Ukunyamezela kunye nokuzikisisa.” *(Muslim)*

76. **U-Aisha** radhiallahu anha inkosikazi ka Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Hini na Aisha! Inene u-Allah Unobubele kwaye uyabuthanda ububele. Nayiphi na into ayinikezela ngobubele akayinikezeli kwabo bangqwabalala okanye ngenye indlela (ngaphandle kobubele).” *(Muslim)*

77. **U-Jareer Ibn Abdullah** radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo uswele ububele uswele konke okulungileyo.” *(Muslim)*

78. **U-Aisha** radhiallahu anha uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Lowo uthe waphiwa isabelo sobubele, yena uphiwe isabelo sehlabathi nese lixa elizayo. Lowo uswele isabelo sobubele ngenene yena uswele isabelo sehlabathi nese lixa elizayo.” *(Sharhus-Sunnah)*

79. **U-Aisha** radhiallahu anha uthi wathi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam, “U-Allah akababali abantu bekhaya ngobubele, koko kusukuba efuna ukubanika inzuzo; kanti akabaphosanisi nobubele koko kusukuba efuna ukubatshabalalisa.” *(Baihaqi, Mishkat-ul-Masabih)*

80. **U-Aisha** radhiallahu anha uchaza ukuba amaJuda eza kuRasoolullah sallallahu alayhi wasallam athi, “Assamu alaykum (ukufa makube kuwe).” u-Aisha waphendula wathi, “Inga kungakuni kunye nesiqalekiso sika-Allah kunye nomsindo ka-

Allah.” Yena sallallahu alayhi wasallam wathi, “Jonga Hini na Aisha! Yiba nenceba kunqande ukuba ngqwabalala nokuba krwada.” Yena (u-Aisha radhiallahu anha) wabuza, “Ubavile na into abayithethayo?” Yena waphendula wathi, “Ingaba uyivile na indlela endibaphendule ngayo? Makube njalo nakuni! Isiqalekiso sam kubo sizakomkeleka kanti esabo kum asizokomkeleka.” *(Bukhari)*

Kaloku thina bathetha ulwimi lwesiXhosa abanye abantu ukuzokuthi ga ngoku basenenkolelo yokuba inkolo ye Islam yinkolo yezinye iintlanga hayi thina bantu bathetha isixhosa, ngale migudu yokuba siguqulele esixhoseni iimfundiso nolwazi malunga me Islam sizama ukubonisa ukuba ababantu bangene kwinkolo ye Islam bangene kuyo ngenxa yophando abalenzileyo nge Islam hayi ngokumfanyekiswa.

Khuphela kwi ebook:
www.alhidayah.co.za/incwadi-malunga-nokuhlonipha-enye-imuslim/

Ipapashwe yi
**AL HIDAYAH CENTRE**
Eastern Cape

AL HIDAYAH CENTRE
EASTERN CAPE

DOWNLOAD EBOOK

ISBN 978-0-7961-7169-6
9 780796 171696

041 492 2773
info@alhidayah.co.za
18 Bonaventure Crescent, Port Elizabeth
041 492 2773 https://wa.me/27414922773
www.alhidayah.co.za